higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
(Iphepha lokuqala)
NQF LEVEL 3

(4101233)

7 November 2024 (X-paper)
09:00–11:30

Eli phepha lemibuzo linamaphepha ayi-12.

034Q1N2407

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 3
(Iphepha lokuqala)
IXESHA: 2½ IIYURE
AMANQAKU: 150

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMAHLANU.

ICANDELO A: Ukufunda nokunika iimbono	[40]
ICANDELO B: Ushwankathelo	[15]
ICANDELO C:Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	[40]
ICANDELO D: Isihobe	[45]
ICANDELO E: Uncwadi Lwemveli	[10]

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA

5 Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA A

WAKHO

1. Kwakuyimini enkulu kumzi wamaZotsho, kuvuyiswana nonyana kaZongezile, uBathandwa, umzukulwana kaMshawu. Unyana lo wayezalwa yintombi yakwaMiya, eyayibizwa ngokuba nguNozamile elasekwendeni. Zaziphume mbombo zone izalamane, abantwana nabazukulwana bale ndlu. Kaloku uBathandwa wayephumelele kwizifundo zaseDyunivesithi. Wafumana isidanga kwizifundo zomthetho, iLLB. Okungaphezulu ke yayikukuba kwale mfundimani kwakudityenwe ngenxa yayo yayilizibulo kulo mfo wamaZotsho.

2. Kungoko ke yayiyimincili ngolu suku. Bonke abantu babevumelana besithi umvundl'uzek'indlela. Uthe xa esiya kwamkela isiqinisekiso ethweswa isidanga eso uBathandwa, wavakala omnye umfo esithi, "Tyhini kwedini, walivus'ixhego'. Elo xhego wayethetha ngalo, yayinguyise omkhulu uMshawu owayeligqwetha naye. Kwabonakala kwangelo thuba ukuba liyinene elamaXhosa elithi igqabi aliwi kude nomthi walo.

3. Zathi zibuya izizalwana kuthwesozidanga babe abamelwane bephithizela benyuka besehla bexel'amanzi olwandle. Kaloku babexakekile belungisa iziselo ezibandaya zokuthoba unxano kuba ilanga lalo mini laligqats'ubhobhoyi. Isimanga endasibonayo mna nje ngomhambi kukubona bonke abamelwane beli khaya besenza yonke into ngothakazelelo nokonwaba okungumangaliso. Wayeselekhe wahleba uMamiya ukuba wayengabaxelelanga abamelwane ngale ti yayisenziwa apha kuba esithi uneentloni zokubiza abantu ngento nje encinci yokwamkela xa bebuya kuthweso zidanga.

4. Into eya bamangalisayo nomyeni wakhe kunye nezihlobo ababe kunye nazo kukwamkelwa ngomyiyizelo omkhulu wabamelwane xa befika, waziva enentloni ngakumbi uMamiya. Wasuka wakubona konke oku njengempoxo enkulu. Iqharhaqharha elingumyeni wakhe lasuka lathi lakubona yonke le nto langena nje endlwini lajula lo bhatyi yesuti laliyinxibile, labe sele likhwaza inkwenkwana eyayikufuphi ukuba ize neegusha ezazisitya kufuphi nekhaya. Ngoko nangoko wawisa iteketeke lenkabi yegusha emazinyo asibhozo. Kwakucace nakuthathatha ukuba konke oku ukwenza enobubele nemincili.

5. UMamiya wazibona esiya ekhululeka naye xa ebona ukuba abamelwane abamthathanga kakubi ngokungabaxeleli, koko bona basuka bazizela ukuza kuvuyisana nonyana wakhe. Kuthe kusenjalo kuyilo mivuyo nemiyiyizelo, suka omnye wabatshana wagragranyelwa yinja ekhohlakele kakhulu kwelo khaya nedume ngokuluma abantu. Kuthe xa kanye wonke umntu ebambe amazinyo kuba becinga ukuba iza kumthi xhakamfu, suka yexhungu yakuba iye yamjoja. Ngelo xesha ke yena uSiya wayesele ewakhuphe onke amehlo.

6.	Esi senzo sale nja sandenza nam nde nkebe umlomo ndikhwankqiswe kukuqaphela ukuba kanti izinja zinengqondo kangaka. Ndatsho ndayingqina intetho ethi ‘inja ayimlumi umininiyo’. Ngale mini sibone inja ingakwazi ukuluma nesizukulwana sekhaya. Thyini ! Ndasuka ndanekhwele yile nto. Ingaba thina bantu sogqithwa nazizinja? Masiphuthumeni ubuntu mawethu, sithandane, siyeke ukuxhaphazana nokukruthakruthana. Unendlebe nje unetyala.	40

[Sithathwe kwincwadi ‘IsiXhosa ngumdiliya’ ngokubhalwe nguM.G.Mdliva saze sahlelwa.]

Jonga kumhlathi 1

1.1 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba le mini yayilusuku olukhethekileyo kweli Khaya. (1)

1.2 Yayiyintoni eyayibangela ukuba kuthiwe ikhethekile le mini? (2)

1.3 Sithini isiduko salo mzi aphuma kuwo uBathandwa? (2)

1.4 Khetha igama elisetyenzisiweyo elinentsingiselo enye neli lithi ‘izihlobo’. (1)

1.5 Uphumelele izifundo zowuphi umgangatho uBathandwa? (1)

1.6 Sesiphi isidanga awasifundelayo uBathandwa? (1)

1.7 Kuthetha ukuthini xa kusithiwa wayelizibulo? (2)

Jonga kumhlathi 2

1.8 Nika isithethantonye segama ‘imincili’. (1)

1.9 Nika intsingiselo yamaqhalo/izaci ezilapha ezantsi:

A Umvundl’uzek’indlela. (2)

B Igqabi aliwi kude nomthi walo. (2)

1.10 Nika intsingiselo yeli binzana, ‘’walivus’ixhego’’. (1)

1.11 Ngubani omnye umntu owayefundele izifundo zobugqwetha kusapho lukaBathandwa? (2)

Jonga kumhlathi 3

1.12 Babesenza ntoni abamelwane ngethuba izizalwana zibuya kuthweso zidanga? (2)

1.13 Ungathi isenzo sabamelwane sibonisa ntoni? (2)

1.14 Chonga ibinza elibonisa ukuba ilanga lalitshisa kakhulu. (2)

1.15 Kukuthini ukwenza into ngothakazelelo? (2)

1.16 Kwakutheni uMamiya ukuze angabaxeleli abamelwane bakhe ngale ti yayisenziwa apha kwakhe? (2)

Jonga kumhlathi 4

1.17 Bamkelwa njani uMamiya nomyeni wakhe ngabamelwane? (2)

1.18 Waziva njani uMamiya emva kokwamkelwa ngale ndlela bamkelwa ngayo? (2)

1.19 Yintoni ebonakalisa ukuba kwakufuyiwe kulo mzi? (2)

1.20 Chaza umfanekiso ntelekelelo ophuhliswa ligama elithi ‘iteketeke’ xa kubhekiswa kwinkabi yegusha. (2)

Jonga kumhlathi 5

1.21 Khetha izifanekisozwi zibe mbini kulo mhlathi. (2)

1.22 Uyavumelana okanye awuvumelani nesihloko sombhali esithi, ‘mthande umelwane wakho’? Xhasa impendulo yakho. (2)

[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2: ISCATSHULWA SOSHWANKATHELO

ISICATSHULWA B

Esi sithetha ngokubaluleka nokulondolozwa kwendalo.

QAPHELA:

1. Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ulandela imiyalelo
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma eziSIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. Bhala umhlathi ongenaziphene usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
4. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
5. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi mazichaneke.
6. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

Ulwabiwo lwamanqaku= Umxholo -10
Ulwini – 5

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ulandele imiyalelo engentla.

THINA NENDALO

Indalo mayilondolozwe ukuze izizukulwana ngezizukulwana zibe nakho ukuxhamla. Umntu ukuze aphile enye yezinto axhomekeke kuzo yindalo. Indalo ekuthethwa ngayo ibandakanya ezinye zezi zinto; amahlathi endalo, imilambo, iintaba, iingxangxasi, umhlaba, iintaka, izilwanyana kwanezinye. Esi sisipho athe uSomandla wasipha umntu ukuba asithande, asigcine ze asisebenzise ngendlela eyiyo.

Ilizwe lakowethu lisoloko linomtsalane kubakhenkethi ngenxa yeepaka ezilondoloza izilwanyana, iinyamakazi njalonjalo. Abakhenkethi batyelela iipaka ezinje ngezi, iTsolwana Game Reserve, Kruger National Park, Inkwenkwezi kwanezinye. Bakhulisa ushishino noqoqosho kwiingingqi ezinazo. Ipaka iphinde ifumane ingeniso ethe vetshe xa ithe yathengisa isilo okanye isilwanyana. Imbono yepaka inceda ukukhusela ukutshabalala kwezilwanyana kwimililo yasendle nakubazingeli.

Iindidi zeentaka neendidi zezirhubuluzi ezigazi libandayo zigcinwa kwizu (zoo). Ngaphandle kwabakhenkethi abangena bephuma, abantu bengingqi enezu benzela kuyo iipikniki. Umntu xa efika ezu nasepakeni uyaziva okokuba ngenene ukuwo umyezo wendalo xa ephulaphule intsholo yeentaka nengxolo yezilwanya. Amanxeba omphefumlo kulowo uyingxwelerha atsho aphole ingqondo ihlaziyeke.

Amahlathi endalo akapheleli ukuhombisa iingingqi esihlala kuzo akhusela amakhaya ethu kwimimoya ebhudlayo ingakumbi ebusika. Imithi, uhlaza lwendawo, nengca ikhusela ukuba umhlaba ungakhukuliseki. Amahlathi endalo alikhaya kwizilwanyana, iinyamakazi neentaka ezingekho phantsi kokugcinwa ezu nasepakeni.

Imilambo ibalulekile kuba ilikhaya kwezinye izilwanyana ezidalelwe ukuphila kuyo nemithi ephila ngokukhula elunxwemeni. Amanzi afumaneka kumadama akhiwe ezidolophini, manzi lawo athi acocwe ziinjineli zokucoca imilambo elungiselelwe oku. Ezi zezinye zezinto athi amanzi asetyenziswe kuzo; ukunkcenkceshela, imizimveliso neemfuno zasekhaya. Xa kucetywa ukwakhiwa kwedolophu okanye umzi mveliso kuqala kuqhagamshelwane namagosa ezolondolozo lwezendalo ukuqinisekisa ukuba akukho zilwanyana okanye imithi enokutshabalala ngonaphakade xa kwakhiwe. **[15]**

[Sithathwe kwincwadi 'IsiXhosa ngumdiliya' ngokubhalwe nguM.G.Mdliva saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 15

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZONTENGISO

ISICATSHULWA C

3.1 Qwalasela le ntengiso ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

Sebenzisa itisue oil yakwaJustine uzokuzithemba ngolusu lwakho.



Le oyile isusa amabala emzimbeni, yenze ulusu lwakho luhlale luthambile.
Sebenzisa le oyile rhoqo ukuze ulusu lwakho luhlale lubukeka, lusithi ndijonge.

[Sithathwe kwi-Intanethi saze sahlelwa.]

3.1.1 Ngowuphi lo mzi mveliso uthengisayo apha? (2)

3.1.2 Nika igama lemveliso ethengiswayo kule ntengiso. (2)

3.1.3 Ijoliswe koobani le mveliso? (2)

3.1.4 Xela imisebenzi emibini eyenziwa yile mveliso. (2)

3.1.5 Chonga isimelabizo sokwalatha esisetyenziswe kwesi sibhengezontengiso. (2)

3.1.6 Nika injongo yokusetyenziswa kwesenzi u'Sebenzisa'. (2)

3.1.7 Ucinga ukuba yintoni isizathu esibangela ukuba isihloko sibhalwe ngefonti enkulu? (2)

3.1.8 Loluphi ulwimi oluqhathayo olusetyenziswe apha kule ntengiso? (2)

3.1.9 Xela umsebenzi wesilogani kwisibhengezontengiso. (2)

3.1.10 Ucinga ukuba uphumelele umbhali ukuthengisa le mveliso ngesi sibhengezo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2 **IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.



Le ntwazana yavakala ngomrhonokazi kucaca ukuba ithatha ilitsala ezantsi. Yabe ilele yoyi ingathi ifile.

[Ithathwe kwi-www.social.animationa.com]

3.2.1 Ucinga ukuba yenza ntoni le ntwazana ikulo mfanekiso? (1)

3.2.2 Ucinga ukuba yintoni isizathu sokuba yenze oku ukubhale ngentla? (2)

3.2.3 Izibhala kwintoni iinkcukacha namanqaku ayo le ntombazana? (2)

3.2.4 Ungathi yindawoni le ikuyo le ntwazana? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.5 Ithi ngubani ixesha iwotshi eseludongeni? (2)

3.2.6 Ungathi eli xesha ulibhalileyo ngentla lelasemini okanye lelasebusuku? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.7 Zibonisa ntoni izimamva ezikrwelelwe umgca ngaphantsi.

A Umrhonokazi. (1)
B Intwazana. (1)

3.2.8 Yintoni le iqamele ngayo le ntwazana? (1)

3.2.9 Kuthetha ukuthini xa kusithiwa ithatha wayelitsala ezantsi? (2)

3.2.10 Loluphi udidi lwesigaba sentetho 'ingathi ifile'? (2)

3.2.11 Ingaba lo mfanekiso usifundisa ntoni? (2)

[40]

AMANQAKU ECANDELO C : 40

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 4

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuwo.

1. Nithi yintoni na le ibengezel'okwesipili?
2. Ingaba ndiyelama, ndibon'umamlabo?
3. Iyaphandla kekhona le mitha-a-a
4. Ibugolide bubomvu le ngqakumba!
5. **Amavil'a**jikelez'indlu agcakamele
6. Izikhuthali zibila zisoma kukutshiswa nguwe!
7. Apho ugqatse khona utsh'umnt'atyhafe
8. Abanye bakhale ngomkhuhlane.
9. Abanye bathi ungumShushubezi
10. Kuba ushushubeza wonk'ogodolayo
11. Wena uyingub'amahlwempu
12. Kuba wambathisa bonk'abagodolayo.

13. Utyani luyaphila kuwe emva kwemvula
14. Ulubetha ngemith'akho lube luhlaza yaka!
15. Adlob'amatakane ngenxa yakho
16. Wonk'umnt'uyaphila kuwe.
17. Singathini na ngaphandle kwakho?
18. Singayintoni na ngaphandle kwakho?
19. Mshushubezi ndini hlala unjalo
20. Makube njalo ngonaphakade!

[Uthathwe kwincwadi 'Ukhanyo' ngokubhalwe ngu L. Caga nabanye]

4.1 Nika lo mbongo isihloko esiwufaneleyo. (2)

4.2 Ingaba lo mbongo uthetha ngantoni? (2)

4.3 Chonga isafobe esisetyenziswe kumqolo woku-1 uze uchaze nodidi lwaso. (2)

4.4 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi 'iyelama' kumqolo wesibini? (2)

4.5 Ucinga ukuba kutheni imbongi isebenzise eli gama, 'igolide' kulo mqolo wesi-4? (2)

4.6 Nika isithetha ntonye segama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-5. (2)

4.7 Xela ukuba ubhekisa kubani lo mqolo wesi-5. (2)

4.8 Nika umfanekiso ntelekelelo oqulethwe ngumqolo wesi-6. (2)

4.9 Xa kusithiwa abantu bakhala ngomkhuhlane, kuthethwa ukuba: (1)

A. Bayakhuhlana.
B Bayagula.
C Bayadinwa.

4.10 Nika izinto ezintathu ezikwisitanza sesi-4 ezifumana ukuphila nokonwaba kwilanga. (3)

4.11 Chonga amagama amane abonakalisa ukufudumala nokufudumalisa kwisitanza sesi-3. (4)

4.12 Nika isichasi seli gama 'ihlwempu'. (1)

4.13 Chaza intsingiselo equlathwe ngumqolo we - 11 (2)

4.14 Chonga isafobe kumqolo we-11 uze uxele nodidi lwaso. (2)

4.15 Nika intsingiselo yeli binzana 'Adlob'amatakane'. (2)

4.16 Chonga isifanekisozwi kumqolo we-14 (2)

4.17 Chonga ibinzana kwisitanza sesi-4 elibonisa ukuba akukhethwe bani. (2)

4.18 Ucinga ukuba yintoni injongo yembongi ngokubhala lo mbongo? (2)

4.19 Nika umfanekiso ngqondweni obonakaliswe kumqolo we-15 uze unike nomfanekiso ntelekelelo oqulathwe ngulo mqolo. (2)

4.20 Chaza umoya wembongi kulo mbongo, uze ucaphule nomqolo oxhasayo. (3)

4.21 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
[45]

AMANQAKU ECANDELO D: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 5

INTSOMI YENJA ENYOLUKILEYO

Kwathi ke kaloku ngantsomi! Kudala-dala kwakukho inja eyayithanda ukutya. Yayisitya ngalo lonke ixesha. Yayisitya yonke into. Yayithanda kakhulu inyama namathambo. Ngenye imini yehla ngesitalato. Yadlula kwivenkile ethengisa imifuno yaze yabona iminqathe. Yaba wamnye yaze yawutya. Yadlula ebheyikhari yaze yabona ukhoko lwesonka emgangathweni yalutya. Yagqitha esilarheni, yabona inyama eninzi apho esilarheni, yajonga inyama leyo kwade kwavuza izinkcwe. Yabaleka yangena esilarheni yaze yathatha iqatha elikhulu ekhawuntareni. Yabaleka ngesantya esiphezulu yaphuma. **Yagqotsa ngamendu** kangangoko inako. Unosilarha nomncedisi wakhe bayileqa, inja enyolukileyo yabaleka ngamandla. Yayingafuni ukuba unosilarha kunye nomncedisi bayibambe!

Kungekudala yafika emlanjeni, kwakukho isigodo somthi phezu komlambo, inja enyolukileyo yakhwela kuso. Yaxengaxenga yaphantse ukuwela emanzini, yajonga emanzini yaze yabona enye inja. Yabona ukuba enye inja inesiqa senyama enencasa emlonyeni wayo. 'Ndiqinisekile ukuba ndiyibonile inja!' yazithethela. Yavula umlomo, saze isiqa sayo senyama sawela emanzini.' Inyama yam!' Yakhala njalo inja enyolukileyo. 'inyama yam!' yazama ukufumana isiqa kodwa ayizange isibone. Inja enyolukileyo yadadela kwelinye icala lomlambo yaze yaphuma emanzini. Yazidlikidla kanobom, yayikhathazeke kakhulu. Andinanyama, ndimanzi kakhulu kwaye ndiyagodola kakhulu. Phela phela ngantsomi!

[Ithathwe kuncwadi lwemveli, 'Umthombo wobomi' ngokubhalwe nguN. Mdekazi noT.Kabanyane]

5.1 Xela umlinganiswa ophambili kule ntsomi. (2)

5.2 Xela izinto zibe mbini ezazithandwa kakhulu ngulo mlinganiswa uphambili. (2)

5.3 Chaza ukuba uthini umyalezo wale ntsomi. (2)

5.4 Xela intsingiselo yebinzane elibhalwe ngqindilili kule ntsomi. (2)

5.5 Ithini imfundiso yale ntsomi? (2)



[10]

AMANQAKU ECANDELO E : 10
AMANQAKU EWONKE : 150